

Emoyeni Ovuthuzayo



SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki:

Yobhi 38–39, Yohane 1:29, Mat. 16:13, 1 Cor. 1:18–27, Yobhi 40:1–4, 42:1–6, Luka 5:1–8.

Indima Yenkumbulo:

“‘Ubuphi na wena ukuseka kwam ihlabathi? Xela, ukuba uyazi, uyaqonda’” (Yobhi 38:4).

Nokuba babohlukene kangakanani, abantu abasencwadini kaYobhi babenento enye abafana ngayo: elowo wayenento eninzi yokuthetha ngoThixo, okanye, enento ayiqondayo ngoThixo . Kwaye, njengoko sesibonile, okuninzi abakuthethileyo singavumelana nako. Ngapha koko, ngubani ongaphikisana noku: “‘Kodwa khawubuze ezinkomeni, zokuyala; nasezintakeni zezulu, zokuxelela; Thetha nomhlaba, wokuyala; zokubalisela neentlanzi zolwandle. Ngubani na ongaziyo ngezo zinto zonke, ukuba sisandla sikaYehova esikwenzileyo oko? Usesandleni sakhe umphefumlo wezinto zonke eziphilayo, nomoya wenyama yonke eyiyeyomntu’” (Yobhi 12:7–10)? Okanye nale:“‘U-Thixo angakwenza gwenxa na okusesikweni? U-Somandla angabenza gwenxa na ubulungisa?’” (Yobhi 8:3)?

Nangona umxholo wawungentlungu kaYobhi, eyona ncum yengxoxo yayinguThixo. Ngaphandle kwezahluko ezibini zokuqala, uYehova wayesoloko esithele ngasemva njengokuba incwadi iqhubeka ibheka phambili.

Konke oko, phofu, kwakuse kuza kuguquka. U-Thixo ngokwaKhe—ongumxholo wengxoxo eninzi encwadini kaYobhi—uza kuzithethela ngokwaKhe.

Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha ezayo: Disemba 10.

Emoyeni Ovuthuzayo

Funda Yobhi 38:1. Kwenzeka ntoni apha eyahlukileyo kuko konke okukwezinye iintetho?

Ngequbuliso, engalindekanga, uYehova ngoku uyavela encwadini kaYobhi, okokuqala ukusuka kuYobhi 2:6—“Nanko esesandleni sakho; kuphela wogcina umphefumlo wakhe.” Ayikho into emlungisela ngokwenyani umfundu oku kuvela ngequbuliso kukaThixo. U-Yobhi 37 uphela ngentetho ka-Elihu, sibe sesisiva kusithiwa, “waza uYehova wamphendula uYobhi, esemoyeni ovuthuzayo” (Yobhi 38:1). Ngokukhawuleza nguThixo noYobhi, ngokungathi abanye abantu abangeni ndawo, okwangoku. Igama whirlwind [isitshingitshane - eliguqulwe ngokuthi ‘umoya ovuthuzayo’] livela kwigama lesiHebhore elithetha “isaqhwithi” okanye “isivuthuvuthu,” laye lisetyenziswe ngokubhekisele ekuveleni kukaThixo ebantwini (bona: Isa. 29:6, Zek. 9:14). Lalikwaligama elasetyenziswe kwimeko yokuthathyathwa kuka-Eliya esiwa ezulwini: “Kwathi ekuza kumnyuseni kukaYehova u-Eliya ngomoya ovuthuzayo, ukuba aye emazulwini, wabe u-Eliya ehamba no-Elisha besuka eGiligali” (2 Kumkani 2:1). Nangona singanikwa zinkcukacha ziphathekayo ngoku kubonakala kukaThixo eluntwini, kucacile ukuba uThixo akathethi noYobhi “kulwandile lokuphephezelu okuhle” (1 Kumkani 19:12). Endaweni yoko, uYehova wazibonakalisa ngendlela enamandla kakhulu, eyathi ngokujinisekileyo yayitsala ingqondo kaYobhi. Kona, asikuphela kwendlela le uThixo awazityhila ngayo kuluntu oluwileyo. IziBhalo zithi rhoqo zisibonisa ukusondelelana kukaThixo noluntu.

Zisifundisa ntoni ezi ndima ngokuba angakufuphi kangakanani uThixo kuthi? Gen. 15:1–6, Gen 32:24–32, Yohane 1:29.

I-Bhayibile isifundisa ubukhulu nokubaluleka kwenyaniso yokuba uThixo wethu akangoThixo okude ovalidala eli lizwe lethu waza wasishiya ukuba sizibonele. Endaweni yoko, unguThixo onxibelelana ngokusondeleyo nathi. Kwiintlungu zethu, kwiinkathazo zethu, okanye nokuba yintoni esijongene nayo ebomini, sinengqiniseko yokuba uThixo ukufuphi nokuba singamthemba.

Yinto eyodwa ukukholelwa ngengqondo ukuba uThixo ukufuphi kuthi; yenye ngokupheleleyo eyokubazi obo kubakufuphi. Ungakufunda njani ukusondela kuThixo nokuzuza ithemba nentuthuzelo kobi budlelwane?

Umbuzo KaThixo

Emva kwento eyakhangeleka kuYobhi ingathi lixesha elide kakhulu kuthe cwaka, ekugqibeleni uThixo uthetha naye, nokuba ke into awayithetha kuqala ingeyiyo awayefuna ukuyiva uYobhi.

Wathini umbuzo wokuqala kaThixo kuYobhi, iyintoni awayeyithetha kuloo mbuzo?
Yobhi 38:2.

Kuyo yonke iBhayibhile simfumana uThixo ebuza abantu imibuzo. Oku akuthi akazazi iimpendulo. Endaweni yoko, njengoko isenza njalo ititshala elichule, uThixo ubuza imibuzo kuba iyindlela ekwaziyo ukusenza ukuba sicinge ngemeko yethu, ukusenza sizibheke, ukusinceda ukuba sisebenzane nemiba size sifike kwisisombululo esisiso. Imibuzo, ke ngoko, ayibuzayo uThixo, asiyeyokufundisa iNkosi into engasele iyiqonda. Koko, ibuzwa ukuze incede abantu ukuba bafunde izinto mhlawumbi abadinga ukuziqonda ngcono. Imibuzo kaThixo luhlobo lwemibuzo-buciko ukunceda ukufikelela ebantwini nenyano.

Funda imibuzo elandelayo ephuma kuThixo. Ucinga ukuba ithini injongo kaThixo ngokubuza le mibuzo? Wayeveza ntoni?

Gen. 3:11

Gen. 4:9

1 Kumkani 19:9

Zenzo 9:4

Mat. 16:13

Kuninzi awayenako uYobhi ukuba akuthethe ngoThixo, abe uYehova, ngokuqinisekileyo, efunu ukuba abone ukuba, ngokwenene, kuninzi angakwaziyo okanye angakuqondiyo ngoMdali wakhe. Ngeendlela ezininzi, umbuzo oqalayo kaThixo kuYobhi uhambelana namanye amazwi awawatethayo nawo la madoda (bona: Yobhi 8:1, 2; 11:1–3; 15:1–3).

Ukuba uThixo ebengakubuza umbuzo nemeko yobomi bakho ngoku, ucinga ukuba angabuza ntoni, iya kuthini impendulo yakho? Ukufundisa ntoni umbuzo nempendulo ngawe?

U-Yehova NjengoMdali

Funda Yobhi 38:4–41. Mibuzo mini uThixo ayibuza uYobhi, iyintoni injongo yayo?

Ukuba uYobhi ebelindele inkcazo eneenkcukacha ngokuba kutheni zonke ezi ntlekele zisenzeka kuye, akazange ayifumane. Endaweni yoko, into awayifumanayo ngumsinga wemibuzo-buciko ethelekisa uYehova esemandleni aKhe okudala nokuba yinto edlulayo kunye nokungazi kosizi olungaYobhi. “Ubuphi na wena ukuseka kwam ihlabathi?” uyaqala uYehova (Yobhi 38:4). Emva kokuphinda eminye yemifanekiso ekuGenesis—umzekelo, imvelaphi yomhlaba, ulwandle, ukukhanya, nobumnyama—uthi uThixo kuYobhi (ngokwesiseko), ewe, uyzazazi zonke ezi zinto “ngokuba wawusewuzelwe oko lilikhulu nenani lemihla yakho” (bona Yobhi 38:21).

U-Yehova wamalathisa imimangaliso neemfihlelo zeNdalo, kwakhona nemibuzo-buciko engathethi kuphela ngeziseko zomhlaba kodwa nangeemfihlelo zemozulu kunye neenkwenkwezi ngokwazo. “‘Unokuwabopha na amaqhina esiLimela, uzipombulule izintya zamaKroza?’” (Yobhi 38:31). Uphinda amalathise uYobhi emhlabenii kwakhona, kuyo yonke into ukusukela kwinqondo yomntu (Yobhi 38:36) kuse ebomini bezilwanyana zasendle (Yobhi 38:39–41)—umxholo owambathiswe ngeenkcukacha eziliqela nakuso sonke isahluko sikaYobhi 39. Ukuba incwadi ibibhalwe namhlanje, uYehova ngebuze wathi, “ngubani oqamangela kunye izicucwana zezinto ezincinane ezenza i-atom ekwakhiwemi kwemithambo-luvo?” “Wawuphi xa ndandilinganisa ubunzima bePlanck?” “Ingaba kukwenza kobulumko bakho ukuba umhlaba ube nento etsalela phantsi yonke into?” [Ezi zizinto zesayensi ekunzima ukuzazi, ngakumbi ngolwimi lwestintu. Cinga nje ngezinto ezingachazekiyo, ezinokwaziwa nguThixo kuphela.] Impendulo kuyo yonke le mibuzo iyafana: Kakade ndandingekho. U-Yobhi wayengekho nakwesiphi kwezo ziganeko, kwaye wayenolwazi oluncinane nangaso nasiphi isenzo esenzekayo awayebhekisa kuso uYehova. Into awayeyenza uThixo, kukubonisa uYobhi ukuba, sele enabo bonke ubulumko nolwazi, nangona ethethe into “eyiyo” (Yobhi 42:7) ngoThixo ngokungafaniyo namanye amadoda la, uYobhi wayesenolwazi oluncinane. Ukuswela kwakhe ulwazi kwakutyhilwa kakhulu yindlela okubukhulu ngayo ukungazi ngelizwe elidaliweyo. Ukuba uYobhi wayesazi kancinane kangako ngendalo, wayenokuqonda kangakanani ngoMdali? Athi, ubukhulu bomahluko phakathi koMdali nokudaliweyo, phakathi kukaThixo noluntu! Nangona uThixo ezithelekisa noYobhi, omnye umntu (ngaphandle kukaYesu) naye wayanele. Siyintoni xa sithelekiswa noThixo? Kanti ke, khangela into eyenziwe ngulo Thixo ukusisindisa nokusinika ithembä lobudlelwane obungunaphakade kunye na Ye.

Ubulumko Bezilumko

Kweyethu imbono namhlanje, kulula ukukhangela, siqonde emibuzweni uThixo ayibuze uYobhi, ukuba, umntu onjengo Yobhi, owayephila kumawaka eminyaka eyadlulayo, ulwazi lwakhe ngelizwe elidaliwego lwaluluncinane kangakanani. Kwada kwakwisithuba se-1500 A.D. apho abantu (abathile) ekugqibeleni bakuqonda ukuba, ukuhamba kwelanga esibhakabhakeni kwakusisiphumo sokujikeleza komhlaba kwintsika yawo, kwanokuhamba kwelanga kwindlela yalo ejikeleza umhlaba—inyaniso esiyithabatha lula ngoku. Makubulelw, ubukhulu becal, kwisayensi yale miha, kuba siphila namhlanje nolwazi lwelizwe elidaliwego abangazange baqalise abantu bamaxesha eBhayibhile ukuluqonda. Kanti ke, selukho lonke olu lwazi lufunyenwego, thina bantu sisenemida ekuqondeni ilizwe lemveli neziqalelo zalo.

Read Phinda ufunde imibuzo ebuzwe nguThixo kuYobhi kwizahluko sama-38 nesama-39. Bangayiphendula ngcono kangakanani abantu namhlanje?

Akuthandabuzeki ukuba isayensi isityhilele amacala obunyaniso awayefihlakele ngaphambili. Sekunjalo, kuninzi okusasele ukuba sikufunde. Ngeendlela ezininzi, kude kakhulu ekubususeni ubungangamsha bukaThixo, nobungangamsha bendalo yaKhe, isayensi yenze umdra omkhulu, ngokutyhila ubunzulu nokuntsonkotha kwelizwe elidaliwego, ezazingazi nto ngalo izizukulwana ezadlulayo. “Izinto ezisitheleyo zezikaYehova uThixo wethu; izinto ezityhilekileyo zezethu, nezoonyana bethu kude kuse ephakadeni.” Duteronomi 29:29. Indlela uThixo awawufeza ngayo umsebenzi wokudala ayizange yatyhilwa ebantwini; ubunzulu-lwazi bomntu abungeze buziphande iimfihlelo zoSenyangweni. Amandla aKhe okudala anqabe kakhulu ukuba aziwe njengobukho baKhe.”—Ellen G. White, Amanyange Nabaprofeti, iph. 113.

Silumkiso sini, phofu, esimele ukusithabatha kwezi ndima zilandelayo ngokubhekisele kwimida emikhulu yolwazi lomntu? 1 Kor. 3:19, 1 Kor. 1:18–27.

Selukho lonke ulwazi olwaqokelewa ngabantu kumakhulu eminyaka eyadlulayo, iNdalo ihleli izele yimimangaliso neemfihlelo esingenakho ukuzifikelela. Okona sifunda ngelizwe elidaliwego, okona limangalisa, lisixaka. Zeziphi iindlela elithi eli lizwe lidaliwego likwenze umangale xa ukhangele amandla kaThixo wethu?

Ukuguquka Eseluthulwini Naseluthuthwini

Funda Yobhi 40:1–4 noYobhi 42:1–6. Wasabela njani uYobhi ekuzityhileni kukaThixo?

Ngokucacileyo, uYobhi woyiswa yinto uThixo awambonisa yona. Kakuhle kakuhle, kuYobhi 42:3, xa wayesithi, “‘Ngubani na lo usithe icebo engenakwazi?’” wayephinda nje umbuzo obuzwe nguThixo kuye kuqala. U-Yobhi wayeyazi impendulo ngoku: yayinguYobhi ngokwakhe owayethetha into angayaziyo. Qaphela kwakhona, into uYobhi ayithethayo kuYobhi 42:5. Nangona wayevile nje ngoThixo, ngoku njengoko ethe wambona uThixo—ukuthi, ngoku athe wanombono ongcono kaThixo—uye wazibona yena ngokwakhe ukuba uyintoni yena. Kungoko esabela njengoko enzile, ezicekisa, eguquka eseluthulini naseluthuthwini.

Funda Isaya 6:1–5 noLuka 5:1–8. Ukuphendula okuchazwe apho kuhambelana njani nokukaYobhi?

Into esiyibonayo kwezi meko kukubonakaliswa kwenyaniso yeBhayibhile esisitshixo, leyo kukuba nesonon koluntu. U-Yobhi wayeyindoda eyaye “igqibelele, ithe tye, imoyika uThixo, ityeka ebubini” (Yobhi 1:1). Kwathi nakwezona nzame zikudidi oluphezulu zikaSathana zokumxabanisa noThixo, uYobhi wahlala enyanisekile kuko konke. Apha sithetha ngekholwa eliqinileyo, elinyanisekileyo kuYehova. Kanti ke—[ingxaki] yintoni? Njengaku-Isaya noPetros, ukuthi tshe nje ubungcwеле namandla kaThixo, kwanelia ukumenza uYobhi arhwaqeles genxa yokwakhe ukuba nesonon nobuncinane. Oko kunjalo kuba sonke siwile, abantu aboniwe sisono abandalo le yethu isizisa ekulweni noThixo. Yiyo le nto, ekugqibeleni, engakho onokuzisindisa; akakho onokwenza imisebenzi elunge ngokwaneleyo ukuba ikwazi ukumenza athandeke phambi kukaThixo. Yiyo nale nto sonke—nabona “balunge kakhulu” kuthi, abo, njengoYobhi, sithe tye, sigqibelele, simoyika uThixo, sityeka nasebubini—siludinga ubabalo, simdinga uMsindisi, simdinga Lowo unokusenzela oko singekhe sikhazi thina ukuzenzela. Ngethamsanqa sinako konke oko, kuYesu.

Khawuzibone ngoku, umi phambi koThixo, ujongene naYe ubuso ngobuso. Ucinga ukuba ungathini?

Ingcamango Eyongeziweyo:

“U-Thixo uvumele ukuba isikhukula sokukhanya sithululwe phezu komhlaba kwisayensi nasebuchuleni; kodwa xa abaziwa ngokuba ngoososayensi beyiphatha imiba elolu hlobo ngokweembono zabantu nje, ngokuqinisekileyo bayo kufikelela kwizigqibo ezingezizo. Kunokuba msulwa kona ukucinga ngaphaya koko kufumaneka eziBhalweni; kodwa, abo balishiyayo ilizwi likaThixo, bafune ukunika ingxelo ngemisebenzi yaKhe ayidalileyo besebenzisa imithetho-siseko yesayensi, badukuda kulwandle olungaziwayo ngaphandle kwemaphu nesalatha-mbombo [ikhampasi]. Ezona ngqondo zinkulu, ukuba azikhokelwa lilizwi likaThixo kuphando lwazo, ziayadika kwimizamo yazo yokulanda ulwalamano lwesayensi nentyilelo. Ngenxa yokuba uMdali nemisebenzi yaKhe ekude kakhulu kulwazi lwabo kangangokuba bangakwazi ukumchaza ngemithetho yemveli, basuka bayithabathe imbali yeBhayibhile njengengathembekanga. Abo bangathembanga ukuba kunokuxhonyekewa kwiingxelo zeTestamente eNdala neNtsha, unyawo lwabo luya kukhokelelwa phambili, ekuthandabuzeni ubukho bukaThixo; baze bathi, belahlekwe yi-anrike yabo, basale bentlitheka kumawa okungakholwa.”—Ellen G. White, Amanyange Nabaprofeti, iph. 113.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Khangela isicatshulwa sika-Ellen G. White sesifundo sangoLwesihlanu. Yintoni ebonakalayo esiyibonayo ethi oko asilumkisa ngako ngokwenene kuyenzeka, ngakumbi kummandla wesayensi? Zintoni ezinye zezinto isayensi, njengoko isenziwa ngoku, ezifundisayeo ezichasene ngokuphandle neLizwi likaThixo?
2. U-Alfred North Whitehead, incutshe yezibalo nombhali owayephila kwinkulungwane edlulileyo, wathi: “Kumashumi amahlanu anesixhenxe eyadlulayo, lixesha endandingumfana kwi-University of Cambridge. Ndafundiswa isayensi nezibalo (mathematics) ngamadoda ayikrelekrele ndaza ndagqwesa kuzo; kuthabathela ekupheleni kwenkulungwane, ndiphiile ukubona iimfundiso ezisisiseko kuzo zombini zibekwa bucalा . . . ukanti, kuko konke oko, abafumana iingcinga ezithatyathwa njengenyaniso ezintsha kwisayensi bathi, ‘Ngoku, ekugqibeleni, sinengqiniseko.’”—A. N. Whitehead, Dialogues of Alfred North Whitehead. Imele ukusixeleta ntoni le nto ngendlela esimele ukuba nobunono ngayo ekwamkeleni into “amadoda amakhulu”ehlabathi asifundisa yona, ngakumbi xa loo nto ayifundisayeo ichasana ngokuphandle neLizwi likaThixo?
3. Zeziphi ezinye izinto ezimangalisayeo zeNdalo ezityhilwa yisayensi yeli xesha kuthi, ababengenako ukuyiqonda abantu bexesha likaYobhi (okanye abeminyaka engamakhulu amabini nje kuphela, edlulileyo)? Ezi zinto zisityhilela ngakumbi njani amandla eNkosi yethu okudala amangalisayo?